

## ISIGABA ESISISISEKO IZAKHONO ZOBOMI

| ULWAZI OLUSISISISEKO: PSW NENZULULWAZI ISICWANGCISO SESIFUNDO IBANGA 3 |  |
|--|--|
| <b>IKOTA 3</b>   | Iveki 3  |
| <b>Isihloko:</b>   | <b>Isihloko: Izilo nezidalwa ezisancedayo</b>  |
| <b>linjongo:</b>   | <p>Umfundi uyakukwazi ukuqonda nge:</p> <p>Izilwanyana ezisisebenzelayo</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>- Izinja – izinja ezikhokelayo, izinja ezikhuselayo, izinja ezijojayo</li> <li>- lidonki namahashe</li> </ul> <p>Qaphela: Fumana ufunde amabali angezinye izilwanyana, njengedolfini, ezikhe zince abantu</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Abafundi bayakuqonda ukuba <u>okusingqongilelo</u> kufuneka sabelane ngako nezinye izilwanyana ezininzi kwaye silwazi uninzi lwazo.</li> <li>• Abafundi bayakuthi bazi ngeyantlukwantlukwano.</li> <li>• Izilwanyana zineemilo nobukhulu obahlukeneyo, zihlala kwiindawo ezahlukeneyo, kwaye ziphila ngeendlela ezahlukeneyo.</li> <li>• Ukuqonda indlela olukhetheke ngayo uhlobo oluthile nalapho luhlala khona nokuba luphila njani kubalulekile ukuba abantu bafuna ukugcina kwaye bahlalisane kakuhle nokuphila endle/ nobomi basendle.</li> <li>• Ngqamanisa izilo nomsebenzi ezinokuthi zifundiswe ukuwenza</li> <li>• Mabasebenzise ulwazi ukuyila ibali ngezilwanyana ezisebenzayo: Izinja ezikhokelayo, Ama-esile namahashe</li> <li>• Izinja ezikhokelayo zahluke njani kwizilo zasekhaya eziqhelekileyo</li> <li>• Izinja ezikhokelayo zibanceda njani abantu abaziimfama okanye abangaboni kakuhle</li> <li>• Kutheni kubalulekile ukuba izilwanyana zasekhaya zingahlangani nezinja ezikhokelayo xa zisemsebenzini</li> <li>• Zingagcinwa njani izinja ezikhokelayo zikhuselekile</li> </ul> |
| <b>ukunxulumanisa</b>  | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ulwimi lwasekhaya</li> <li>- Ukufunda</li> <li>- Ukubhala</li> <li>- Izandi</li> <li>- Upelo</li> <li>- Ukumamela nokuthetha</li> <li>- Isigama</li> </ul>  |

|   |  |
|---|--|
| <p><b>Isifundo: Izixhobo zokufunda nokufundisa (LTSM):</b></p>  | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Uxwebhu lomsebenzi (Izixhobo)</li> <li>• Iipensile ezinemibala</li> <li>• Onotsheluzi</li> <li>• Imifanekiso</li> <li>• DBE Incwadi yomsebenzi Amaphepha 62-64</li> <li>• Iincwadi zakwithala leencwadi Izixhobo zokufunda</li> <li>• Ividiyo yenja ekhokelayo isemsebenzini nezixhobo zokuyibonisa</li> </ul>  |
| <p><b>Izixhobo:</b></p>   | <p>Video: <a href="http://www.guidedogwork.org">Google: View at http://www.guidedogwork.org</a></p>  |
| <p><b>Intshayelelo:</b></p>   | <p><b>Isiqendu I: Intshayelelo nevidiyo (imizuzu emine)</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Phakamisa isandla ukuba unaso isilo, okanye ukuba ukho umntu omaziyo onaso. Phakamisa zozibini izandla ukuba eso silo yinja.</li> <li>• Ingaba izilo zasekhaya zinawo umsebenzi? Okanye zidlala nje ngebhola, zilale, zibaleke eyadini, zihamba-hambe...</li> <li>• Ezinye izinja zinayo imisebenzi – phakamisa isandla ukuba unokubiza igama lohlobo olwaziyo lwenja esebenzayo. Izinga zamapolisa, izinja zempilo, izinja ezikhokelayo nezihlangulayo, izinja eziluncedo njengezo zanceda abantu...</li> <li>• Namhlanje sizakuthetha ngezinja ezikhokelayo nangokuba wena ungazanceda njani xa zisemsebenzini. Izinga ezikhokelayo zanceda abantu abaziimfama (abangaboniyo okanye abangaboni kakuhle) baziyele emsebenzini, esikolweni, naphina apho bafuna ukuya khona ngokukhuselekileyo.</li> <li>• Xa umntu oyimfama kunye nenja ekhokelayo besebenzisana, babizwa ngokuba liqela lenja ekhokelayo. Loo nto ibenza amaqabane. Masibukele le vidio sibone ukuba eli qela lisebenza njani. Uze uqiniseke ngokukhangela umkhala okhethekileyo onxitywa yile nja. Inomtya omde obanjwa ngumntu lowo ungaboniyo. Ubona ngayo ukuba inja leyo yekhokelayo okanye sisilo nje sasekhaya. Kwakhona, jonga ukuba ungawanceda njani amaqela ezinja ezikhokelayo zenze umsebenzi wazo xa kukho izinja zasekhaya ezikufutshane.</li> </ul> |
| <p><b>Isifundo: Umxholo/ likhonsephthi / IzakhonoCAPS</b></p> <p><b>Makufundiswe/ kuncedwe/kuxhaswe...)</b></p> | <ul style="list-style-type: none"> <li>• <b><u>UMSEBENZI 1</u></b></li> </ul> <p><b>Imibuzo onokuyibuza emva kwevidiyo (6 imizuzu)</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• <b><i>Zeziphi iintlobo zemisebenzi eyenziwe yinja ekhokelayo kulevidiyo ukanceda iqabane layo?</i></b><br/>Ukuwela umgaqo ngokukhuselekileyo; ukuwela izitalato; ukuphepha izikhubekisi umz. Iitafle ecaleni kwendlela, abantu, njl.njl.; bafumane iingcango phakathi naphandle iikhawunta ezivenkileni, njl.njl. (ukukhokhela lo mntu ungaboniyo)</li> <li>• <b><i>Kungenzeka ntoni kule nja ikhokelayo ukuba ibingaqaphelanga umsebenzi wayo kule vidio?</i></b></li> </ul>  |



Lo mntu uyimfama okanyeinja le ikhokelayo ingenzakala. Inja ekhokelayo inokungaqapheli imoto ezayo; inokugila iqabane okanye omnye umntu okanye into; okanye inokungena endleleni ingalazisanga iqabane layo.

- **Kubonisa ntoni xainja ekhokelayo inxibe umkhala wayo?**

Inja ekhokelayo iyasebenza kwaye akufuneki iphazanyiswe.

- **Ingabainja ekhokelayo isebenza ngalo lonke ixesha?**

Hayi. Xa lenja ingawunxibanga umkhala wayo oku kukuthi ayisebenzi, Ngoko ke ingadlala, ibaleke kwaye ilale njengayo nayiphi na enyeinja.

- **Le nja ithethe ifuna ukwenzani kule vidiyo ukuze iwenze kakuhle umsebenzi wayo?**

Mayihlale iqwalasele emsebenzini wayo, ingami idlale nezinye izinja kuba oko kungayingozi kuyo nakwiqabane layo.

- **Ungenzani ukunceda iqela elincedayo lihlale likhuselekile?**

Ngembeko, yazisa wonke umntu ukuba kutheni izilwanyana zasekhaya kungafunekanga zime zidlale nezinja ezikhokelayo xa zisebenza.

- Omawukukhumbule xa ubonainja ekhokelayo kukuzixelela ukuba, "Akazanga kudlala apha. Nceda uyigcine kude eyakho". Masikwenze oku...

- Gqibezela ngokunikezela amaphepha anenkukacha ze abantwana banike abazali babo baze baxelele abanye Ngoko bakufundileyo namhlanje.

- **Bonisa amagama konotsheluzi**

| Inja ekhokelayo | umkhala | ukhuseleko      | ukhuselo        | iqabane |
|-----------------|---------|-----------------|-----------------|---------|
| ingozi          | iimoto  | Umntu wasemzini | Inja yamapolisa |         |



- Izinja zinganeminye imisebenzi enjengokuba zizinja zamapolisa. Izinja ziqhelile ukukhangela izinto ngokusebenzisa imizwa yazo yokunukisa. Kungoko izinja zisoloko zibonwa namapolisa namajoni emisebenzini yabo. Zisebenza nakwizikhululo zeenqwelo-moya ukukhangela iziyobisi – izinja ezijojayo.

- **Ezinye iinkcukacha ezibalulekileyo ngezilwanyana nangokuba ziyiphucula njani impilo yabantu**

- **Zinika ukutya:** iinkomo, inyathi, ibhokhwe, inkamela nedonki– ubisi

- **Ezinye izilwanyana:** iinkomo, ihagu, itakane legusha, inkukhu, inyama

- **Impahla** – linwele zezilo: linwele zezilwanyana zifunwa kakhulu. linwele zebhokhwe neegusha zisetyenziselwa ukwenza impahla yewulu, iisholi neengubo. Ngokunjalo, iinwele zehashe zingasetyenziselwa iibrashi zepeyinti.

|  |   |
|--|---|
|  | <p>Noboya bezilwanyana, kuquka isikhumba, zisetyenziselwa ukwenza impahla efudumeleyo nentle.</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• <b>Isikhumba:</b> Izilwanyana zivelisa izikhumba ezininzi. Ezi zikhumba zisetyenziswa ekwenzeni izihlangu, amabhanti, izipaji, iibhegi, impahla yendlu, njl.njl. Izilwanyana ezifuyelwa ukuba kufunyanwe izikhumba kuzo ziquka iinyathi, iinkomo, inkabi yenkomo, njl.njl. Ezi zikhumba ziyolukwa ukuze zilungele ezi zinto zibalwe ngentla. Izinto ezenziwe ngesikhumba ziyathandeka, zintle kwaye zihlala ixesha elide.</li> <li>• <b>Umsebenzi nezithuthi:</b> izilwanyana ezinje ngamahashe, iinkomo, he-buffalo, ama-esile, njl.njl. Entlango, ikakhulu isetyenziswa khona inkamela.</li> <li>• <b>Ulonwabo:</b> Izilwanyana zifuyelwa nokuzonwabisa. Njengezilwanyana zasekhaya. Kugqatso lwamahashe kusetyenziswa amahashe ukuzonwabisa. Imidlalo ngamahashe – ubuchule bokufundisa ihashe imithambo, nokuthobela umqeqeshi ekwenzeni oko likufundisiweyo.</li> <li>• Ukhuphiswano lufakwa rhoqo kwimidlalo yeOlimpiki.,</li> <li>• Izilwanyana zigcinwa <b>nakuMzi Wezilwanyana</b>. Akulunganga oku kuba kufuneka zihlale kwiindawo ezidalelwe ukuhlala kuzo.</li> <li>• Izilo ezifuyelwe <b>umgquba:</b> Izilwanyana zifuyelwa nokuba kufunyanwe umgquba kuzo. Ubulongwe bulunge kakhulu kumafama kuba buchumisa umhlaba.</li> </ul> |
| <p><b>Inkcazelo kumzali:</b></p>    | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Gqibezela isifundo ngokunikezela iiflaya utsho kubantwana banike abazali babo baxelele nabanye ngabakufundileyo namhlanje.</li> <li>• Abafundi baxoxa ngendima yenja ekhokelayo</li> <li>• Abafundi baxoxa ngendima yenja yamapolisa</li> <li>• Abafundi baxoxa ngezinye iindlela ezisinceda ngayo izilwanyana (thina bantu)</li> <li>• Vumela abafundi bathethe ngesi sifundo singentla. Khangela ukuba bayasisebenzisa na isigama.</li> <li>• Benza ipowusta – Zisinceda njani izinja</li> <li>• Ipowusta: Zisinceda njani ezinye izilwanyana</li> </ul>   |
| <p><b>Imisebenzi yomfundi:</b></p> <p><b>Gxininisa<br/>Ukushwankathela<br/>nokuhlaziya/<br/>phonononga/<br/>/yenza/nxibelelana</b></p>  | <p><b>3. UMSEBENZI 2: Ndisesiphi isilwanyana?</b></p> <p>Qhoboshela umfanekiso wesilwanyana:inja ekhokelayo, ihashe, i-esile okanye idolfini emqolo kumfundi. Umfundi uyaguquka, ukuze omnye umfundi awujonge. Umfundi uyakubuza imibuzo ukuzama ukufumanisa ukuba sisiphi esi silo. Xoxani niliqela kuqala malunga neentlobo zemibuzo eninokuzibuza: <b>Ukongezelela ulwimi – Ukumamela nokuthetha.</b></p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Itya ntoni.</li> <li>• Ihlala phi.</li> <li>• Ijongeka njani. Oku kuquka ubukhulu, umbala, inani lemilenze, njl.njl.</li> </ul>   |

|                        |   |
|------------------------|---|
|                        | <ul style="list-style-type: none"> <li>• Ndiyabhabha, ndiyadada, okanye ndiyabaleka? Nditya ingca, izinambuzane, okanye izilo ezincinane? Ndinemilenze emingaphi?</li> <li>• Ndinemilenze emine? Ingaba ndimncinane kunesitulo? Ndingabhabha?</li> <li>• Iqela lingohlulwa libengamaqela amancinane ukuze babebaninzi abantu abanokudlala.</li> <li>• <b>Umsebenzi 3:</b> Funda uze uphendule imibuzo engezinja ezikhokelayo</li> <li>• <b>Umsebenzi 4:</b> Funda uze uphendule imibuzo ngehashe elincedayo</li> <li>• <b>Umsebenzi 5:</b> Incwadi yomsebenzi yeDBE amaphepha 62-64</li> <li>• Yila uze wenze eyakho ipowusta ngenja ekhokelayo</li> <li>• Zeziphi ezinye izilwanyana ezinceda abantu ngezinye iindlela? Zichaze ezi ndlela.</li> </ul> |
| <p><b>Uvavanyo</b></p> | <p>Le misebenzi ilandelayo ingasetyenziselwa uvavanyo olungekho sikweni ngexesha lesifundo emva kokunika umfundi amathuba aliqela: Sebenzisa izixhobo zovavanyo olungekho sikweni:</p> <p>Iirubhrikhi ziyakuthi zisetyenziswe kulo msebenzi ungezantsi (khetha ubeMNYE)</p> <ul style="list-style-type: none"> <li>• Intetho</li> <li>• Itshati emayela nesihloko esinikiweyo (intetho)</li> <li>• Bhala imihlathi emi 2 – 3 ngenja ekhokelayo</li> </ul>   |